

**Abanye beofisi ekunokuqhagamshelwana  
nabo banokufunyanwa apha:**

**Iwebhusayithi:** [www.nda.org.za](http://www.nda.org.za)  
**Facebook:** NDA Adopt an ECD Campaign-RSA  
**Twitter:** @nda\_rsa  
**Instagram:** nda\_rsa



**NDA**

National  
Development  
Agency

**INCWADANA  
YEENKCUKACHA  
ZEENKQUBO  
ZE-NDA**



## SINGOOBANI THINA?

I-Arhente yoPhuhliso yeSizwe (National Development Agency) (NDA) yiArhente karhulumente egunyaziselwe ukuba negalelo ekutshatyalalisweni kobuhlwempu noonobangela babo eMzantsi Afrika.

## UGUNYAZISO LWETHU

Ugunyaziso lwethu olusentloko kukuba negalelo ekutshatyalalisweni kobuhlwempu noonobangela babo ngokunikela ngeenkxaso-mali kwimibutho yoluntu lwaseburhulumenteni (ii-CSO) ukuze:

- Kuphunyezwe iiprojekthi zophuhliso kwingingqi zabantu abahluphekayo
- Komelezwe isakhono seziseko zee-CSO ezinikela ngeenkonzozo kwingingqi zoluntu ezisweleyo.

## Ugunyaziso olulandela olusentloko kukwenza oku:

- Ukukhuthaza ukufuna amacebiso, incoko-mpikiswano nokwabelana ngamava ophuhliso phakathi kwee-CSO kunye namasebe aseburhulumenteni.
- Ukukhuthaza ingxoxo ngomgaqo-nkqubo wophuhliso kazwelonke.
- Ukwenza uphando nopapasho olujoliswe ekunikeni isiseko somgaqo-nkqubo wophuhliso.

## UMNQOPHISO

Ukuphumeza uphuhliso olulondolozekayo ngokomeleza imibutho yoluntu lwaseburhulumenteni ebandakanyeka ekutshatyalalisweni kobuhlwempu ngokomeleza ukwakhiwa kwezakhono ngokusebenzisa izibonelelo-mali nophando.

## UMBONO

Uluntu olukhululekileyo ebuhlwempini.

## SENZA NTONI?

U-NDA womeleza izakhono zemibutho yoluntu lwaseburhulumenteni esebenza kwingingqi zoluntu ezisweleyo, ngokuphathelile kugunyaziso lwayo olusentloko nolulandela olusentloko. Oku kujika kunike inkxaso kwezi ngingqi zoluntu zisweleyo axhomekeke kwii-CSO ukuba zincele ngokuxheshisa uphuhliso nokunikwa kweenkonzo ngokuphumeza izicwangciso-cebo ezilwa intlupheko ngokunjalo neenkqubo eziphucula iimpilo zamaqela oluntu aziindlalifa.

## INKQUBO YOPHUHLISO LWEMIBUTHO YOLUNTU LWASEBURHULUMENTENI

Inkqubo yoPhuhliso lwee-CSO yinkqubo ephambili yeNDA apho iArhente izabalazela ukomeleza imibutho yoluntu yasekuhlaleni (ii-CSO) ukuze inikele ngeenkonzozo ezisebenzayo nezincomekayo kumaqela oluntu asweleyo ewakhonzayo. I-Arhente iphawula ii-CSO njengabaququzeleli bophuhliso abanegalelo kuphuhliso loqoqosho, lwentlalo nololawulo ngentando yoninzi ukuze zifikelele kwiinjongo ekwabelwana ngazo zokutshabalalisa intlupheko nokuphucula ubomi bamaqela oluntu aziindlalifa. Malunga noku, iNDA isebenza njengesiphumezi sokomeleza imigudu yee-CSO ngokusebenzisa iNkqubo yoPhuhliso yayo yee-CSO exhaswe ngeentsika ezilandelayo ezine zongenelelo:



social development

Department:  
Social Development  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



sassa

SOUTH AFRICAN SOCIAL SECURITY AGENCY

### IOFISI YESIZWE

Umnxeba: (011) 018 5500  
I-imeyili: [info@nda.org.za](mailto:info@nda.org.za)  
26 Wellington Road  
Parktown  
Johannesburg  
2193

### IOFISI YEPHONDO LASEGAUTENG

Umnxeba: 011 492 1494  
I-imeyili: [gautengprovince@nda.org.za](mailto:gautengprovince@nda.org.za)  
Metropolitan Building, 2nd Floor  
108 Fox Street  
Johannesburg  
2001

### IOFISI YEPHONDO LASELIMPOPO

Umnxeba: 015 291 2492  
I-imeyili: [limpopoprovince@nda.org.za](mailto:limpopoprovince@nda.org.za)  
66A Market Street  
Polokwane  
0700

### IOFISI YEPHONDO LASEMPUMA KOLONI

Umnxeba: 043 721 1226/7  
I-imeyili: [ecprovince@nda.org.za](mailto:ecprovince@nda.org.za)  
Vincendon Office Park  
8 Donald Road  
Vincent  
East London  
5201

### IOFISI YEPHONDO LASEFREE STATE

Umnxeba: 051 430 2024  
I-imeyili: [freestateprovince@nda.org.za](mailto:freestateprovince@nda.org.za)  
Allied House, 3rd Floor  
Cnr Charlotte Maxeke &  
Burger Street West  
Bloemfontein  
9300

### IOFISI YEPHONDO LASENTSHONA KOLONI

Umnxeba: 021 422 5175  
I-imeyili: [westerncapeprovince@nda.org.za](mailto:westerncapeprovince@nda.org.za)  
The Chambers Building, 2nd Floor  
50 Keerom Street  
Cape Town  
8001

### IOFISI YEPHONDO LAKWAZULU NATAL

Umnxeba: 031 305 5542  
I-imeyili: [kznprovince@nda.org.za](mailto:kznprovince@nda.org.za)  
9th Floor, Corporate Place Building  
9 Dorothy Nyembe Street  
DURBAN  
4001

### IOFISI YEPHONDO LASEMNTLA NTSHONA

Umnxeba: 018 392 6892  
I-imeyili: [northwestprovince@nda.org.za](mailto:northwestprovince@nda.org.za)  
4059 Joule Street  
Mafikeng  
2749

### IOFISI YEPHONDO LASEMPUMALANGA

Umnxeba: 013 755 1478 / 013 755 3777  
I-imeyili: [mpumalangaprovince@nda.org.za](mailto:mpumalangaprovince@nda.org.za)  
Ground Floor, Biwater Building  
16 Branders Street  
Nelspruit  
1200

### IOFISI YEPHONDO YOMNTLA KOLONI

Umnxeba: 053 831 4828  
I-imeyili: [northerncapeprovince@nda.org.za](mailto:northerncapeprovince@nda.org.za)  
13 Dalham Street  
Kimberley  
8301

## 1. Iinkqubo zokuSekwa kwee-CSO

Ngokusebenzisa isikhokelo-nkqubo see-CSO zeNDA, iNDA iphumeza iphinde ixhase inkqubo yocwangciso lwee-CSO ukuqinisekisa ukuba imibutho ekhoyo yeentlobo-ntlobo inokuncediswa ukuze ikhule futhi isekwe.


### I-NDA, phantsi kwale ntsika, incedisa imibutho ukuba:

- Izenzele ulungiselelo lokuba ibe ngamaziko acwangciselweyo okanye amaqela azalisekisa i(ii) njongo enqwenela ukuziphumeza;
- Ihlanganisele zonke iinkcukacha ezidingayo ukuze ibhalise iziko njengemibutho esekiweyo efana noMibutho ongaNgenisi Nzuzo (Non-Profit Organisation) (i-NPO) okanye iMbumba yeMisebenzi;

Izalise iifomu zobhaliso ukuze ibhaliswe njengeNPO okanye iMbumba yeMisebenzi (kopoletyeni);

- Inikele ngeefomu zobhaliso kuso nasiphi isiphathamandla sobhaliso enqwenela ukubhalisa phantsi kwaso (umaLawuli we-NPO: iSebe loPhuhliso lweNtlalo OKANYE amaQumrhu neKomishoni yeMpahla yobuNggqondi);
- Ihlalutye izidingo zayo ngocoselelo ukuze iqinisekise ukuba yakuba ibhalisiwe iya kusoloko ithobela umthetho wobhaliso ebhaliswe phantsi kwawo.

## Umfuziselo woPhuhliso lwee-CSO



## **2. Ukwakhiwa kweZakhono ngokweziSeko zee-CSO**

Ungenelelo lwee-CSO lokomelezwa kweziSeko lujoliswe ekwakhiweni nasekusekweni kwezakhono zemibutho yee-CSO ukuze zingqinelane nezidingo zayo zenkqubo kwaye zithobele iimfuneko zobhaliso neemfuneko zokunikwa kweengxelo kubaxhasi bemali. Inkqubo ijoliswe ekomelezeni isakhono seziseko zee-CSO ukuqinisekisa ukukhuthaza amandla obuchule nezakhono zokulawula imibutho yabo kunye neenkqubo zayo ngendlela encomekayo. Umgaqo osetyenziselwa ukwakha izakhono zemibutho uquka okulandelayo:

### **Uqeqesho**

I-NDA inikela ngeemodyuli ezineziqinisekiso nezingenaziqinisekiso kwezi zifundo:

- UGcino-zincwadi olusisiSeko noLawulo lweMali
- ULawulo loNgquzulwano
- ULawulo lweeProjekthi
- INkqubo yoLawulo
- UkuSetyenziswa kweMithombo yoNcedo
- UkuThotyelwa kweemfuneko zobhaliso
- UmSebenzi woPhuhliso loLuntu
- UThungelwano noBudlelwane bangaPhandle

### **Ukucebisa**

I-NDA inikela iphinde iphumeze amathuba okucebisa ii-CSO ukuze ixhase imigudu yayo yokomeleza imisebenzi yayo yolawulo lwemibutho. Amathuba eengcebiso anikwa kubume obungqonge umsebenzi wombutho.

### **Ufukamelo**

I-NDA isebenza nee-CSO ezisekiweyo kunye namanye amaziko akwiziphaluka

zendawo ukuze iseke amaziko ofukamelo. La maziko ancedisa imibutho edinga ukufunda nokuphucula imixokomelelwano neenkqubo zayo. Kunikwa iingcebiso nemizekelo yokomeleza ulawulo lwemibutho, imixokomelelwano neenkqubo.

## **3. Izibonelelo-mali nokuSetyenziswa kweMithombo yoNcedo ukwenzela ii-CSO**

Izibonelelo-mali zinikwa ii-CSO ezinegalelo ekuphuculweni komgangatho wobomi bamaqela oluntu ngokusebenzisa iinkqubo okanye iiprojekthi zokunceda abasweleyo. Kuchongwa imithombo yoncedo eyimali nengeyomali nokusetyenziswa kwayo ukuze kuxhaswe ii-NPO kunye nee-CSO. Le misebenzi ikwanika uncedo malunga nabathunywa bee-CSO kwamanye amaziko karhulumente nawabucala, ngokunjalo nabanikeli balapha nabasehlabathini, ukwenzela inkxaso eyongezelelweyo.

Ngokusebenzisa le ntsika yoPhuhliso lwee-CSO, iNDA inika iinkonzo ezilandelayo:

- Inkxaso-mali yohlalutyo lwezidingo zee-CSO
- Inkxaso-mali yokubhalwa kwezindululo, nokulawula iintlanganisobuso ngobuso
- Unxibelelwano lwemiyalezo ethunyelwa kubaxhasi-mali abanokubakho
- Izibonelelo-mali zee-CSO ukwenzela iinkqubo neeprojekthi zophuhliso ezisetyenziswa kumaqela oluntu asweleyo

- Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kwezicwangciso zemithombo yoncedo ejoliswe ekuqinisekiseni ukulondolozeka kombutho
- Ukuyila, ukuphumeza nokubek' iliso kwimisebenzi yokusetyenziswa kwemithombo yoncedo.

## **4. Amaqhagamshela e-CSO ukwenzela uLondolozeko**

I-CSO elondolozekayo yileyo ekwaziyo ukuqhuba ngomnqophiso wayo kwithuba elide, ukuze ngokwenza njalo, ihlangabeze izidingo zababelana nayo ngomdla abasentloko – ngakumbi iindlalifa nabaxhasi bayo. Ngenxa yoko, ulondolozeko lufanele ukubonwa njengento eqhubayo, kunesiphelo esikulo. Yinkqubo ebandakanya intsebenziswano phakathi kwemibandela yezicwangciso-cebo, eyolungiselelo, eyeenkqubo, eyentlalo neyemali.

I-NDA, phantsi kwale ntsika, inika iinkonzo ezilandelayo kwii-CSO:

- Uhlalutyo lwezidingo zamaqhagamshela amathuba olondolozeko
- Ukuchonga amathuba olondolozeko ukwenzela inkxaso-mali neentengiso zeemveliso neenkonzo zee-CSO
- Ukuququzelela amaqhagamshela amathuba olondolozeko endawo, amaphondo, esizwe nasehlabathini
- Ukuncedisa nokuququzelela ufikelelo lwee-CSO kumathuba achongiweyo enkxaso-mali nawentengiso
- Ukuququzelela ukudalwa kothungelwano lwendawo, lwamaphondo lwesizwe ukwenzela iiCSO ezinemidla okanye iinjongo ezifanayo.

## **UPHANDO**

Inkqubo igqalisela ekuqhubeni uphando novavanyo oluxhasa iajenda yophuhliso yesizwe ngolwazi. Ngaphaya koko, inkqubo yophando idala amaqonga eengxoxo naweencoko-mpikiswano phakathi kweengalo zombuso, icandelo labucala kunye necandelo nee-CSO ngemibandela enxulumene nemigaqo-nkqubo yesizwe yophuhliso.

Inkqubo yophando ikwavelisa upapasho malunga nezenzo ezibalaseleyo ukukhuthaza ukwabelana ngezifundo nangemisebenzi elungileyo kwicandelo lophuhliso lwentlalo. Ezi zifumaneka ngolu hlobo:

- Iintlobo zoFundonzulu ngeziGaneko ezinikela ngeenkukacha kwii-CSO malunga nokuphuculwa kwempumezo yeenkqubo namalinge ongenelelo lwe-NDA
- IiNgxelo eziMfutshane ngeMigaqo-nkqubo zisetyenziselwa ukuphambelana iingxoxo nenxaxheba kwimigaqo-nkqubo echaphazela icandelo le-CSO.
- IiNgxelo zoPhando ezinika ulwazi kucwangciselelo, kwimpumezo nakusungulo lweenkqubo zophuhliso kwicandelo le-CSO.
- Iingxelo zeemvavanyo malunga neeprojekthi neenkqubo eziphunyezwe yiNDA.